Kudaladala kuMlambo iOlifants kwakuhlala uSele.

Ngenye imini xa uSele wayequbha kunetha, waqalisa ukuziva elambile.

Waphawula ukuba kufutshane apho kwakukho inqwaba yeempukane.

“Isisu sam ndiza kusigcwalisa ngeempukane,” wacinga njalo uSele.

Yakuthi qabu imvula, uSele waxhuma waphuma emlanjeni esiya kwiimpukane.

Kwangoko phambi koSele kwathi gqi uLovane. “Lo ngummandla wam, noku kutya kokwam!” watsho uLovane engenalusini.

Esemsindweni uLovane wakhawuleza wawutshintsha umbala wakhe.

USele waxhumela kude kangangoko wayenakho.

Warhubuluza waya etyholweni ezama ukuthoba izibilini ekubeni eye wothuswa nguLovane.

Esazama ukuba makazole uSele, kwathi gqi uNgcuka owayetshisa amatyholo.

Wothuka esoyika loo mlilo uSele!

Waxhumela phantsi uSele watsho wazifihla phantsi kwamagqabi amakhulu.

Loo magqabi ayesixaba amfihla uSele, nangona kwakunjalo lalivakala kuye ifuthe lomlilo owawumrhangqile.

Esoyika uSele wawagquma amehlo akhe. Waxhumela phezulu kangangoko wayenakho.

Kwavakala isithonga sokuthi dyumpu kwakhe emanzini omlambo awabuyela kuwo.

USele wabona uFudo onwabile phezu kwesebe lomthi. Waqubha waya kuFudo.

“Molo, belunjani usuku lwakho?” wabuza uFudo.

“Khange kubekho nto,” watsho uSele encumile.